

Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen

Ndikwazisa umhlobo wam, uHelen. Wazalelwu kwidolophu encinane kwiKaroo ebizwa ngokuba yiNieu Bethesda. Kwakungekho nto ingako yenzekayo kule dolophu. Kodwa yena wenza ihlabathi elipheleleyo apha. Wade wenza nam. Indlu yakhe wayithiya ngam.

Ibizwa ngokuthi "The Owl House" (Indlu yeziKhova).

Unini lwabantakwabo Helen noodadewabo babekhulile futhi sebehambile ngelixa lokufika kwakhe. Kodwa wayesenabo oodadewabo, uAnnie noAlida.

UHelen wayengenabahlobo baninzi apha, kodwa kwakungamkhathazi oko.

Kwasekuqaleni, uHelen wayesenzo izinto ngendlela eyahlukileyo xa kuthelekiswa nabantu abaninzi.

Emva kokuba bendulukile oodadewabo, uHelen wasala yedwa nabazali bakhe. Wayethanda umama wakhe, kodwa emthiyile utata wakhe. Wonke umtu wayevuma ukuba uyindoda engahelekanga kakhulu.

Udadewabo omdala uAlida wayekhenketha kulo lonke ihlabathi. Ngenye imini wathumelela uHelen iposikhadi evela eYiphutha.

Engingeni yakhe uHelen wabona inkosana neephiramidi kuneen neenkamela esantini. Wathi akukhula uHelen, wafunda amabali amaninzi ngeendawo ezikude. Wayithanda ngakumbi imibongo evela ePheshiya kwiMpuma eseMbindini. Ngenye imini waphupha entyelelo oluya kulwandlekazi.

Wagcina unokrwece kwitafle engasebhedi yakhe, waze wanengcingane ngokungathi uyasiva isandi samaza phakathi kwakhe.

Kodwa ngokuqinisekileyo, wayethanda izikhova ngaphezu kwazo zonke ezinye izinto!

UHelen wayezithanda iincwadi namabali kakhulu kangangokuba wenza isigqibo sokuba ngutitshala. Wayeyincutshe nakulo msebenzi. Wasuka wadibana noJohannes Pienaar. Naye wayengutitshala, umbhali nomdlal wemidlalo yeqonga.

Wamqinisekisa ukuba ufanele ukugcagca naye.

UHelen noJohannes batshata. Baya kwiidolophu ezininzi ezaahluka-hlukileyo, befundisa futhi bedlala imidlalo yeqonga. UHelen wacinga ukuba mhlawumbi kungamlungela ukuqualisa ngosapho, njengoko babenze njalo oodadewabo. Kodwa kwakungazi kuba njalo. Yena nomyeni wakhe babesoloko besilwa.

Wathi akugula kakhulu umama wakhe, uHelen wenza isigqibo sokuba lalifilikile ixesa lokubuyela ekhaya. UHelen wayengonwabanga. Umama wakhe wayegula



kakhulu, ukanti utata wakhe yena waye nguchiki.

Wasuka wakhetha ukuba yedwa. Abantu babecinga ukuba akaqheleki.

Ngobusuku awasweleka ngabo umama wakhe, uHelen waligcina likhanyisa ikhandlela ngasebhedi yakhe ubusuku bonke. Ngoncedo loko kukhanya kuncinane, uHelen wayengaziva eboyika kangako ubumnyama.

Kwaye khumbula, thina zikhova sasilapho kune naye. Sasimgadile, sikhwaza sisithi woo-woo!

UHelen wenza isigqibo sokuba ufuna ukukhanya ebomini bakhe. Waqala ngokutshintsha indawo akuyo.

Kodwa wayedinga abancedisi. Amadoda amathathu alapho, uJonas Adams, uPiet van der Merwe noKoos Malgas, benza izinto awayezicinga ngeengcingo nangesamente.

Wazalisa isitiya sakhe emva kwendlu ngezidalwa ezazitsala umda. Kwakukho abantu abanemizimba yeengonyama neenkamela, oomamlamo neekati. Kwakukho inqwaba yezikhova! Wayesithi yiaydi yakhe yeenkamela. Ecingweni wenza uphawu olungumbhalo ngocingo.

Lwalusithi: "This is my world" (Eli ihlabathi Emini uHelen wayesenzo imikrolo. Wayephinda aqokelele iiglasi nezipili, amakhandela nezibane.

Nayiphi na into enokukhazimla. Wayebeka ilanten iegumbini ngalinye. Izipili zazifunxa ukukhanya ezaziphinda zikhanyise ngako. Wagquma iindonga ngeentwana zeglasi ukuze iindonga zimeyezele nazo.

Emva kokusweleka kukturata kaHelen, indlu yaba yeayakhe. Ngobusuku ngabunye wayetshintsha alale kwelinje igumbi.

Wayesoloko ekhetha

elimbonisa ngokuthe gcaa inyanga neenkwenkwezi.

abantu baseNieu Bethesda xa begqitha kwisitiya sikaHelen babebuka izidalwa ezikuso.

Abanye abantwana baselalini babemzisela iibhotile zeglesi ukwenzela imikrolo yakhe futhi babembiza ngokuthi "Nkszn Helen". Wayesoloko ebabulela ngeelekese. Kodwa abanye babengenabubele. Babemnike amagama okumenyela bephosa namaty phezu kophahla lwendlu yakhe.

UNkszn Helen wayechitha yonke imali yakhe ethenga iglasi nesamente. Wayephila ngesonka neti emnyama.

Kwidharyi yakhe wayebhale wathi: "Phakathi kwesithukuthezi sam ndonwabile." Isitiya sakhula, sakhula, kwade akwabikhio sitihuba sishiyekileyo sokubeka ezinye izidalwa.

UNkszn Helen waqalwa kukudinwa. Izandla zakhe zaba neenkantsi zabuhlungu. Amehlo akhe ayengasaboni kakuhle ngenxa yokusebenza ngamasuntswana amancinane eglesi.

Wayengakoyiki ukuba yedwa, kodwa wayesaboyika ubumnyama. Kanti ihlabathi lakhe laqala ukuba mfiliba laya ngokuba mfiliba. Wayesazi ukuba kungekudala wayengazi kubona kwanto.

Kodwa wathi xa evala amehlo akhe kwilixa lokugqibela, uNkszn Helen akabona bumnyama. Wabona ilanga nenyanga neenkwenkwezi. Wabona amadoda azizilumko noomamlamo, iinkamela neekati, abantu abanemizimba ethambileyo nezikhova ezinamehlo eglasi amakhulu antsundu namenyezelayo.

Kaloku nanamhla oku sisemi apha, nje ngendlela awayesishiye ngayo, esitiyeni awasenzayo, esijonge empumalanga.

Iminqweno Emithathu

Kwaye kukho inkosikazi eyayihlala nomyeni wayo kufuphi noMlambo iHlimbitwa. Yonke imihla le nkosikazi yayilishiya ikhaya labo, ihambe iye ehlathini ukuya kutheza iinkuni. Yonke imihla umyeni wayo wayeyinika ibhotile yamanzi nokutya ukuze ibe nento yokusela neyokutya xa ingene Phakathi ehlathini. Ngenye imini yayiphumile le nkosikazi, iye kutheza yaze yakhetha umthi omkhulu ukuba iwugawule uwu.

"Lo uya kukulungela kakuhle kakhulu ukugawulwa," yatsho. "Mkhulu kakhulu kwaye ndiya kufumana iinkuni ezininzi kuwo."

Yakhupha izembe layo, yalibamba ngazo zozibini izandla zayo, yalijiwuzisela phezulu sele ilungele ukuqalisa ukugawula. Ithe xa kanye iza kugawula yeva ilizwi liycenga ukuba wuyeke.

"Ngubani lowo utshoyo?" yabuza njalo.

"Jonga phantsi apha," latsho eli lizwi, "kwaye nantoni na oyenzayo, uze uncede, nceda ungawugawuli, uwuwise phantsi loo mthi."

Le nkosikazi yothuswa kakhulu koko ikuvileyo, kodwa yathi xa ibona aphi lalivelu khona eli lizwi, ayakwazi nokuba mayithini! Phantsi emhlaben, ecaleni kweengcambu zomthi, kwakukho eyona ndoda incinane eyakhe yabonwa yile nkosikazi. Yasuka yathi nkebe umlomo ikhamisile, ingakukholeluwa eyayikubona. Ekugqibeleni kwaphela ukothuka.

"Ndiyakubongoza torho, nceda ungawutshabalalisi lo mthi," yatsho le ndoda incinane.

"Ee... ndiyavuma xa usitsho," watsho.

"Ndiyasamkela isicelo sakho. Ndingazingela omnye umthi xa lo ubaluleke kangaka kuwe."


"Ndiyabulela. Wenze eyona nto indivuyisa kakhulu," yatsho indoda incinane. "Unentliziyo entle kakhulu kwaye ngenxa yesi senzo sihle kangaka usenzileyo, ndiza kupumeza iminqweno yakho emithathu, nokuba iyontoni na." Emva koko, yanyamala indoda incinane. Le nkosikazi yaba ngayinzingela kuzo zonke iindawo ehlathini, zange iyifumane le ndoda ingahelekanga.

Ekugqibeleni yakuncama le nkosikazi ukizingela le ndoda, yagoduka. Kuyo yonke loo ndlela igodukayo yayihlunguzela intloko, imbombozelu imane ikhuza yodwa ngenxa yokumangalisa kokwenzekileyo. Yakuba ifikile ekhaya yahlala phantsi ecaleni kwendlu ukuze iphumle, isazibuza ukuba ingaba kukho umtu obedlala ngayo kusini na. Zonke ezo nginga zayilambisa nangakumbi. "Ingaba sesilungle isidlo sethu sangokuhlwa?" yabuza umyeni wayo owayesuke waza kuhlala ecaleni kwayo.

"Owu, hayi," waphendula umyeni, "asikalungi. Kusasele nje iiyure ezimbawha phambi kokuba silunge."

Le nkosikazi yancwina. "Andilambe ngako, akwaba bekukho nokuba liqathana nje lenyama endinokulity."

Kungekudala ewatethile loo mazwi - thaxa -



inyama epleyitini eyayithe tshitshilili apha kanye phambi kwakhe. Wakhupha amehlo aziingqanda kwanomyeni wakhe ngokunjalo.

"Yintoni le?" wabuza umyeni emangaliswe yiloo nto yayisenzenka.

Le nkosikazi yamxelela yonke into eyayenzeke ehlathini kuloo ntsasa. Umyeni wayo wayijamela yaze nayo le nkosikazi yabona ukuba umyeni uthi fixi ngumsindo.

Yathi yakugqiba ukuthetha le nkosikazi, umyeni wayo wangxola ngelizwi elingqwabala wathi, "INTONII? Kaloku ubufanele ukuba uye wacinga phambi kokuba uxele ukuba unqwenela ukufumana inyama. Ugeza kakhulu, akwabe loo nyama ibinokuncamatela kuloo mpumlo yako." Le nkosikazi yathi ingekatsho nokuthi hayi-bo! Labe iqatha lenyama selincamathele empumlweni yayo. Yalibamba ilitsala, kodwa alasuka tu elo qatha lenyama. Umyeni naye wazama ukuyisusa. Bobabini bandedisana, batsala, batsala, kodwa zange baphumelele

"Owu, hayi," yatsho le nkosikazi. "Kuza kuthiwani ngoku?"

"Andazi, kodwa ifanele ukusuka," yatsho indoda.

Le nkosikazi yaqonda ukuba kufanele ukuba nento eyenzayo kwamsinyane phambi kokuba umyeni wayo akhuphe elinye ilizwi.

"Ndinqwenela ukuba le nyama isuke empumlweni yam!" yakhwaza ngelo le nkosikazi.

Ngomzuzwana nje inyama yaphinda yaba sepleyitini kwakhona. Bahlala aphi, le nkosikazi nomyeni wayo, bejamene. Kwakungekho minqweno yimbi abanokuyisebenzisa ukuba bafumane imali, okanye iimpahlala, okanye indlu enkul, okanye ulonwabo. Kwakungasayi kuhinda kubekho minqweno yanto kwaphela, kodwa ... okungenani babenenyama emnandi yesidlo sangokuhlwa!

SOCIAL DEVELOPMENT

SOCIAL RELIEF OF DISTRESS GRANT HOW TO APPLY

Application process: Send a WhatsApp message to 0600 123 456 or an E-mail to SRD@sassa.gov.za. Additional access channels, including SMS, self-help desks and online application process will be finalised soon.

Applicants must provide the following compulsory information for processing of their applications:

- Identity Number/Department of Home permit
- Name and Surname as captured in the ID (and initials)
- Gender and Disability
- Banking details - Bank Name and Account Number
- Contact details - Cell phone number
- Proof of Residential Address